

Yifake emgqomeni. Musa ukuyifaka kwidreyini.

**Lahla inkunkuma yakho ngendlela efanelekileyo ukuze ingabhloki
amagumbi angasese, iidreyini, iisinki okanye imibhobho yogutyulo**



Ukutya okungafunwayo kulahle emgqomeni, akufakwa esinkini, edreyinini okanye kwigumbi langasese. Inkunkuma yeziqhamo nemifuno kunye namaqokobhe amaqanda ingasetyenziswa ukwenza umgquba.



Musa ukugungxula amalaphu namaphepha-ndaba. Ezi zinto azicubheki xa zidibene namanzi.



Wafake emgqomeni amaxolo okanye wenze umgquba ngawo. Amaxolo awaboli kwamsinya, ayabambeka kwimibhobho, abangele ukubhloka.



Musa ukugungxula amanapkeni, kunye neetawuli zokuzicoca, zifunxa amanzi kwaye zikhukhumale, zibangele ukubhloka.



Sula amafutha okupheka, i-oyile okanye nawaphi na amafutha kwipani kwaye ungawagaleli kwidreyini okanye kwigumbi langasese.



Amalaphu okosula (iiwayiphi), imicinga yokugqogqa indlebe, iikhondom neenwele zizinto ezincinci kodwa zidibana kunye nezinye izinto zize zibangele ukubhloka.



Faka isihluzi esinkini ukuze ukhongezele ukutya nenkunkuma engenye phambi kokuba ingene kwidreyini kwaye ibangele ukubhloka.



Khangela ukuba ingaba iigatara zamanzi emvula azigaleli kwidreyini na nanjengoko zigcwalisa imibhobho, kuze oko kubangele ukuphuphuma kwayo.

Ngengcaciso engenye:

Ndwendwela www.capetown.gov.za/blocked-sewers

linkcukacha zoqhakamshelwano ezibalulekileyo

Xela ukubhloka kweedreyini, iziciko zedreyini ezilahlekileyo, ukonakaliswa, ukugqabhuka kwemibhobho kunye namanzi amdaka ngokuthi usebenzise enye yezi ndlela zilandelayo. Nika idilesi yesitalato, kwaye ufumane inombolo yeriferensi.

Inombolo yeriferensi.

Nge-intanethi: www.capetown.gov.za/servicerequests

I-imeyile: water@capetown.gov.za

SMS **31373** (ubuninzi ibe ziikharetha eziyi-160)

Tsalela ku-**0860 103 089**

Ndwendwela kwiziko loncedo leSixeko, jonga ku-www.capetown.gov.za/facilities

Tsalela ku- 0860 103 089

uxele imibandela engokuphuphumala kweedreyini, iindlela kunye namanzi emvula, ukulahlwa kwenkunkuma ngokungekho mthethweni kunye nokususwa kwezilwanyana ezifileyo (kwimihlaba nakwindlela zoluntu kuphela) Khetha u-1.



**CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD**

Making progress possible. Together.